IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, MAY 11, 1885. [No. 23.

Iveki.

IPALAMENTE iyakuwuqala umsebenzi wayo ngolwesi-Hlanu oluzayo (15 May).

U-JUDGE BUCHANAN omnye wejaji eziteta e-Rini unduluke e-Rini ngolwesi-Hlanu Iwe yeki engapaya ukusinga e-England

IXABISO legolide embiwa e-Transvaal bati abanokulixela likwiponti ezi £7,784

HLAULANI imali yepepa nkuze nonwabe.

AMANGESI ase Kokstad ayila intlanganiso yokusebenzela nkuba lonke elo lase Griqua- land East ebelisakuba lelika Adam Kok li- bandakanywe nelase Natal. Okwangoku lisapetwe e-Kapa.

OBALA esema Mpondweni kwipepa lase Kokstad uti inkosi yelo ibuta yonke impahla

UMSEBENZI wokusuka izikumba uza kuqa- Iwa e-George kwelanga pakati. Amanzi alo-

INQANAWA zemfazwe zasema Ngesini zike zabonakala kwisitaba solwandle esingentla kwe Kapa kwabakunxweme Iwase Piquet-

KUBIKWA ukububa ngolwesi-Bini kuka Mr. W. E. Jeffrey anyana ka Sijila wase Kama-

UMKOMBE oyi *Raleigh* ufike nompati zi- nqanawa zemfazwe omtsha ozokuhlala e- Simonstown ngase Kapa, igama lake ngu

ELI lixesha lokuba itunyelwe imali yepepa yenyanga ezintatu nangapezulu.

KUVAKALA indaba zokuba isebenzi liyalinci- pa e-Bloemfontein, zininzi

IBANDLA elipete imfundo lase Natal licinga ngokumisa ibandla lemfundo

KE kwako idabi ema Mpondweni pakati kwawo odwa ekufe amadoda amabini.

ICESINE ingene kwimikosi ekwela Baro- long ? ekubeni nge Cawa edluleyo bekugula amashumi amabini anane

EMINYE imikombe emitatu yabiwe e-Eng- land ukuba ize kukusela amazibuko aselwa- ndle kweli ngenxa yale mfazwe

ULOLIWE ngoku selebaleka aye kungena e-Alvani nakuba izindlu zingekagqitywa. Kuzindlelwa ukuba angavulwa ngeveki yo-

AMATYALA abengeniswe entetweni ngawo n-Mr. Dormer, Umhleli we *Cape Argus,* ngama Jodi ase Dayimani ngokusuka abengeze ihambiso yawo engasese ngentengiso yaloma- tye, adubule ekubeni akululeke kwe lonatyala

KUKO uvukelo lombuso oluhambiseka e- Canada kwelase America. I Canada ikwa yikoloni yama Ngesi. Ondiyalwa bonganyelwe ngu Louis Oriel.

UMKOMBE ogama liyi *American* uza kuxo- tyiswa ube ngowemfazwe nawo.

SINENTO eninzi yenteto ebezifanele

UKUSUKELA kumhla wesine ka March se- kutunyelwe e-Monti ababanjwa aba 123 besuka kulomzi, amatyala abo ikakulu

KWELA Barolong kuvakala nkuba uyakuti akulixolisa u-Sir Charles Warren agoduka nemikosi yake, kupate u-Major Lowe namadoda atna 2000 pantsi kwake aya

UMLUNGU ogama lingu Fergusson ufakwe etolongweni inyanga zombini ngokusuka angenise utywala kwela Barolong.

IPALAMENTE yase Transvaal ivulwe ngo Mvulo odlulileyo.

UMONGAMELI u-Paul Kruger uvakalisa ite- mba lake lokuba lentlangano ye Palamente iyakuba nento eyigqibayo ngomcimbi wololi- we oyakusuka kusazi omkulu lowo wama Bulu aye e-Putukezi.

U-MR. P. J. JOUBERT uvotelwe ngama Bulu ase Transvaal kwindawo yokuba ngumo- ngameli wemikosi.

U-HON. WILLIAM AYLIFF uyakuteta kwi- ntlanganiso yabanyuli bake base Bofolo ngo- kuhlwa (11 May).

KAULEZISANI intlaulo yenu ye *Zimvo* ukuze nizilese ngokonwaba.

INTLANGANISO yabafundisi bebandla lase Independent igale namhla ukuhlangana e-

KUKO umntu onIwe yingqakaqa e-Bayi, usingisela ekupileni kodwa.

KWEZIVEKI zidlulileyo n-Mr. M. Pelem wase Dayimani wapangwa ihashe lake wapatwa kakubi zigwinta pakati kwe

IMVO ZABANTU

I LOVEDALE NGO 1884.

AKUSAKUMANGALISA bani ngalamaxesha mabi ukuba ingxelo yale Seminari inkulu eyonyaka odluleyo iqale ngamazwi ati "kwamanye amasebe omsebenzi “oqutywayo, kuko ukuqubela pambili okubonakalayo, kwamanye "ukubuyela emva.” Ihambelo pambili, itsho ingxelo, ikwicala lemfundo, ukubuyela emva kakade kukwicala lamashishini, ekukuwo lembandezelo ikoyo ite yazibonakalisa. Yinto kodwa ebifanele ukukolisa abapati besikolo, neyakubakolisa abangabahlobo babafundisi kumzi wakowetu ukufumana ukuba indawana ezite zabanga udano kumasebe anjengawemfundo nawamashishini, zenzelelelwe ngokungapezulu ziziqamo zokusebenza komoya ka Tixo eziyiyona nto ijongwe yimizamo yabafundisi kwelilizwe. Ngezi ziqamo iti ingxelo epambi kwetu "lo- mnyaka ube neziqamo ezingape- “ zulu nakwezaupina ongapambili.” Abo baqeqeshwa njengati ukuba babeke ixabiso elidluliseleyo kwimicimbi yakwa Tixo kunakweye hlabati nengeyiyo eyasempefumlweni bayakuwubala lomnyaka udluleyo njengomnyaka wetamsanqa we Lovedale. Kufaneleke ukuba u-Dr. STEWART nowabo bomelezeke baqubele pambili emsebenzini wabo. Njengokuba senjenjenje ukuyigqwatulela inteto yetu siyakuti ngomzimba oziyekeleleyo sifeze umsebenzi wetu kubantu bakowetu ngemfane- lo, sinetemba ukuba akusakubako uyakusiposisa ukusiva ati eli ligalelo lotshaba.

Iti lengxelo yakukova ukuvakalisa indawo ezipokeleyo zebambiso yomsebenzi ngonyaka odluleyo ibehle ingene nzulu " kwingxoxo engemfundo,” eti kuyo icalule inteto ngenteto zamadodana antsundu afundisiweyo. U- Dr. STEWART uwutabata lomcimbi ngendlela ebanzi ebonakalayo, esingati, xa sipendulela umzi. awusakuba namadlala uwake- tayo kwinteto yake. Uti u GQIRA “ kuko umoya okulayo pakati kwe- "nxenye yomlisela ofundisiweyo, “ oti—Lemfundo inikwa abantsundu “ ngoku ayipakame ngokwaneleyo " ingaxande ngokwaneleyo. Eli- “ kaba liti abafundisi notitshala ba- “ bo bafumana imfundo epakamile- " *yo* pesheya ayibanga luncedo luni " na kubo. Ze batike nati apa ma- “sifumane kwalomalungelo.” Na- banina wobona ukuba lenteto yeye- ntsapo ezisesikolweni kupela. Ku- mfaneleke u-Dr. STEWART ukuwu- kumbuza lomhlambi uba wona uteta inteto yengqondo ukuba uyalibala “ ukuba imfundo enjalo ilitamsanqa “ labambalwa kanye kwelase Yuro- “pu, nabangapezulu kweli—yabeke “ indawo ingeyiyo eyokuba yintoni- “ na elungele abambalwa, kodwa yi- “ ntonina efanele uninzi.” Siyato- nyalaliswa kunene kukufunda inteto ayaleka kule u-Dr. STEWART yo- kuba “ abambalwa ababonise ukuba “ banako, benawo nomonde nobuntu “ banokwenzelwa amalungelo anga-, wambi, sivuya kunene ukubenaela u ituba. Kwanabo banako, belu- “ ngele ukuhlaula, eyona mfundo “ inkulu enokunikwa apa e-Koloni “ baya kuyinikwa *ngapandle kokuba “ kucaluhce ibala.”* Lenteto ibekwe ngamfakamfaka siyibalula kuba kuko inkolo yokuba kwingxoxo ebeziko ngonyaka odlulileyo bekubonakala ukuba inteto isekwe pezu kwebala. Siyavuya kakulu ukuba ete u-Dr. STEWART mayelana ne Lovedale wabonisa ngohlobo olungasakushiya matanda ukuba ibala ligwetyiwe. Lomcimbi wemfundo uqukunje- Iwe ngamazwi ambalwa okwalata eyona nto ijonge kuyo i Lovedale kwimfundiso yayo, ekutiwe “ yalate ekupumeleliseni intsapo ngokunco- “ mekayo kuviwo lo Titshala.” Uninzi oluyicase kanye imfundiso yomnyama oluti ukunywalazisa abantu Iona lunga ontsundu angafundiswa ishishini, lupendulwe ngokuzeleyo ngalendlela emfutshane neyengqondo, ngoluhlobo : “ umsebenzi ofanelekileyo nobonisa inyameko unokulindelwa unokufunyanwa kubasebenzi abake bafundiswa sona isi “ Ngesi namasebe okuqala emfundo. “ Kubunqaba ukuqeqesha umfana “ omnyama eshishinini ngapandle " kwale mfundo.”

Xa ewazisa umzi ingxelo yo Mhlo- li- Zikolo yonyaka odluleyo uti u-Dr. DALE ngebambiso ye Lovedale, “ umsebenzi we Seminari ngowane- “ lisayo kanye.” Lema ngoluhlobo ikaba eluviweni lo Mhloli: udodana olwaviwayo Iwaba 183; Iwema ngoluhlobo : kwinyatelo elipambili la- kwa Rulumeni (Stand.) v. 13, iv. 57, iii. 63, ii. 34, i. 14, umququ ongapantsi 2; kwese ntombi v. 6, iv. 12, iii. 44, ii. 18, i. 17, abangapantsi 5. Abapumelela imviwo ezibalulekileyo, ezinjengolwe Titshala yinkwenkwe enye eyapumelela ngokuncomekayo, bane abapumelela kodwa, kutiwa kwakona ababini abange- ntsapo yase Lovedale abancediswa ngomnye wotitshala bapumelela uviwo Iwe Bandla lemfundo Enkulu. Ngawo wonke unyaka intsapo eyayipakati kwamasango esikolo amadodana nentombi yayi 385, kweli- nani ama 30 yayingama Ngesi. Intlaulelo yemfundo yintsapo yahlanganisa £1867, kwelinani ama Ngesi emi ne £500. Nyaniswana zimbi zengxelo zingakangalelwa ukuba zi- nexabiso kwabapakati kwemida ye Sikolo, ukuba kodwa besingaziqwa- laselayo bezingabonisa ubukulu bo- msebenzi owenziwayo ngonyana ba- ma Skotshi, kodwa kwinteto emise- Iwe imida njengale kwanele kodwa ukuba zikankanywe zishiywe. Esinye sezenzo ezipuhlileyo kumsebenzi wonyaka zizinto ezazenzelwe umboniso zisenziwa likaba lakowetu elifunda amashishini—ezabeta zamangalisa bonke abelilizwe, zabanga ukuba ababengakolwa ukuba ontsundu unokwenza into yobuntu, bavuma bengabuzwanga ukuba unako, into ayifunayo yingqeqesho. Kuninzi osekutetiwe ngoku ngapambili. Kodwa ekubeni senjenje ukuzipaula ezona ndawo zizintloko zengxelo masigqibe ngokunqwenelela isikolo umnyaka olungileyo wentsikelelo.

IPALAMENTE EZAYO.

IPALAMENTE iyakuqala ukuhlala ngolwesi-Hlanu oluzayo, 15 May xa ayakuti Umhlekazi u-Ruluneli, nje ngasemihleni, afunde inteto yokuyivula eyakuba ilungiselelwe ngamapakati ake. Lonteto kakade iyakuvakalisa into eziya kwenziwa 1ibandla elo lingumlomo wabantu belilizwe. Tina ke siteni kakulu nemiteto emitsha eya kubekwa pambi kwe Palamente lipakati elipatiswe imicimbi yabantsundu. Imicimbi mibini esibuqiniseka ukuba iyakubekwa pambi kwebandla lelipakati esiya kulindela ukuba ikankanywe kwinteto ye Ruluneli. Ngumcimbi wepasi, nowo laulo Iwa- pesheya kwe Nciba. Seke sawenza awetu ngowepasi umcimbi. Ontsundu umzi uzwinye ngendawo yokuba ipasi ingafuneki, iyingcapukiso kodwa. Ucinga ukuba umteto ongokuqutywa kwenkomo nowama dungudwane wanele ukupelisa ukuti sa kwabantu abangeni. Uti Amasilamsi, Amalau, nabanye abanetamsanqa lokuba amabala abo angabimnyama abahambi ngapasi ; ezintlangu azitangake ngoko nakuba zinge zinyulu, sebuba bobazo ubusela. Bati njengokuba ibikonje ipasi ayibupelisanga ubusela, isuke kupela yakonxa abantu abamnyama abafanelekileyo ekukaulezeleni imise- benzi yabo. yabahluta inkululeko aba- nayo njengabantu be NKOSAZANA. Ekubemke umteto omtsha ka Mr. DE WET ungekabengezwa lamanqaku asanele.

Ngomcimbi wolaulo Iwapesheya kwe Nciba, kutiwa umteto omtsha uyaku- sekwa pezu kwezigqibo ze Bandla laba Picoti bamasiko nemiteto yabantsundu, ezabekwa pambi kwe Palamente ngo 1883. Nakuba sicinga tina ukuba amapakati alaulayo awalungisanga ngokuti lemiteto mitsha angayaneki pambi komzi ibe ixoxwa

ngenxa engapambili, sicinga ukuba ayakuba abamba ngeyona ndlela ukuba acancate pezu kwalengxelo kupela. Eyetu imfanelo siyakuyifeza wakubo- nakala umteto omtsha. Zizo ezi kodwa intloko zengxelo mayelana nepesheya kwe Nciba “umteto uyakucatshulwa ikakulu kowase Koloni

“ uyekwe ongalungileyo nakuwo,unga-
“ tshatyalaliswa kupele kodwa otile
“wabamnyama olungileyo nabanko- teleyo kuwo.” Lemitetoke iyaku- hanjiswa ngapandle kokucalula ibala. Umteto wohanjiswazimantyi, izigwebo zazo ziye pambi kwejaji eya kumiselwa kwelo. Kulo ofisi amatyala ayakupulapulwa zijuri ezingasaku- nyulwa ngenxa yebala, kodwa ngoku- qonda nesimilo. Ulaulo luyakuba sesandleni se Ruluneli eyakumiswa lulaulo Iwase Kapa kwanebandla labantsundu.

la zizixekexeke oziwalinge onke amatuba kumawetu, akawasa neso elinye lengqo- ndo.

Kungumangaliso kum **ukuba** u-Manya- no Ngemfundo luti asikabixesha loku- nyanzelelwa kontsundu emfundweni, kanti ngonga angatshabalala ontsundu ku- lento ayiyo, ongateta lamazwi alontlanga- niso yo Manyano **Ngemfundo**, itete into etetwa ngama Bulu noninzi Iwabamhlope olucasene nemfundo yontsundu.

U-Captain Veldman Bikitsha indoda anga u-Tixo angake ayilondoloze yonke into unyanzelela emfundweni ontsundu nganeno apa kwe Nciba. Ukuba ufuna nkubona into entle viva Ezazulwana ku- mfo ka Bikitsha. Pambili Zazulwana I Uninzi Iwambete ingubo yobuze. U-Rev.

R. Birt, no Rev. P. Masiza waka wayiteta lento. Hina, madoda, o Manyano Ngemfundo ! Gxebe kanitsho ibenye into kum apa! ate u-Rulumente nabafu- ndisi kwabantsundu, ndimisa oku noku- ya, ukuba nikwenze, kodwa kusenta- ndweni yenu ukwenza nokungenzi!

Nawe Mr. Tyamzashe, lendawo **wayingenisayo** entlanganisweni wawungayi- cinganga nzulu, kuba usiti woyiswa, we- va; ungatsho ukuti andivanga, ukuze kuzo zonke intlanganiso umana uyiti nti kancinane ude uye ekufeni umana uyiti nti **kancinane**.

Yicingeni kwakona lu Manyano Lwe- mfuirdo, izikolo zisekuvalweni zonke ngoku. Kuba ngati lisikabile Ilizwi endleleni yalo. **Ndizibambile** mawetu nqi tu. Cingani zitshaba okunye.

Ndingowenu
NKOHLA FALATI SENZO.

Impawana

Team elikulu! Siteta ngesaziso esifakwe ngu Mr. G. E. Cook wase kay' apa abayakusifumana abafundi betu kwibala lezaziso kwelipepa. U-Mr. Cook ubikela umz' ontsundu amayeza ezifo eziwuxalisa kunene, ekufuneka indlu nganye inawo. Amaxabiso alamayeza ayaxelwa, epantsi kunene. Kwanendlela anokufunyanwa ngayo nangokude iyaxelwa—ukuba umntu makasuke aye nepepa eli linesaziso kumlungu wevenkile ekufupi naye womfumanisela. Ipepa malingalityalwa. Siyetemba ukuba akuko mntu uyakuhlala ngapandle kwawo lamayeza alunge kunene. Uhlobo adliwa ngalo lamayeza luyaxelwa ngenteto ye Sixosa.

***

Lencwadi yenye yenewadi eziti zindinike amandla netemba kulomsebenzi mkulu indipatise wona Inkosi wokupata lemvaba idumileyo yomz' ontsundu wakowetu. Iti indodana (endingayaziyo pofu ngobuso) yase Bayi:—

NKOSI ETANDEKAYO,—Ipepa lako le *" Mvo Zabantsundu "* lindikolisa kakulu kangangokuba ndiliqinisele kum ngalo lonke ixesha elisaseleyo lonyaka.

Yamnkela ngezitampo isheleni ezisibozo ze quarter ezintatu **ukusa ku 31** December 1885.

Ndisisicaka sako

M. F.

Port Elizabeth, 4 May 1885.

Ukuba bonke abanga lomsebenzi ungema—*Imvo Zabantsundu* zimane ukubengezwa bebeya kuxela lendodana, azinakuteteka into ebesingaba nokuzenzala abantu bakowetu. Umtandazo wamke kusasa, emini nasebusuku ngulo wokuba akwaba o M. F. bebengatiwa *multiply by* (oko kukuti bandiswe nge) 10,000 *times* (ngamaxesha a) 10,000I Ndiva futi ukuba ikaba nomzi wakowetu unga ndingasikeleleka. Manditi kubo bonke abaya kuyifunda lemigca nabaya kuyiva ifundwa: ulangazelelo lokuba ndipumelele ne *Mvo* ezi olungabonakaliswe ngamali itunyelwayolufana nomzimba lo xa ungekangeniswa umpefumlo. Kunjanike?

***

Ndicelwa ukuba ndingenise lengoma ngo Rev. E. D. Hepburn okububa kwabikwa kwelipepa ekuqaleni kwenyanga edlulileyo. Xa ndicinga izinto ezinkulu ezimiyo azenzele umzi wakowetu andimangaliswa ukuba abamaziyo bagqabukele ekuculeni. Yiyo le ingoma :

U **HEBENI**.

Hlaban' umkosi e-Sikotilani
Nguw' umz' onyana sibaqondayo
Bakufika kweli letu.
Ba.va.venza yonke inkatalelo nenyameko
Kuhlanga ababeze kulo.
Lomfo uflleyo ka Hebeni
Ibiyindun' enkulu esuk' inyantsule,
Noko sezibinz' izikali zase Mlungwini
Id' ingati ayiva nto kanti iyeva,
Into emagxa makulu
Itwele uhlanga oluntsundu
Pakati kwedùduma lezikali zokugxeka.
Hamba nto ka Hebeni
Umsebenzi uwuqqibile,
Owautnnyelwe ukuba uze kuwenza
Amadabi akukonto uwalwile.
Hamba ude uye kupumla
Kwi botwe lapezulu.
Ngamana saza sahlangana
Sabulisana kwelo lapezulu.

***

U-Mr. F. Dyer, M.L.A.. usuka apa ngonaso ukusinga e-Palamente. Ubeke wacelwa ngumhlambi ontsundu **omelene** no Qoboqobo ukuba ahlangane nawo pambi kokuba ahambe kodwa libe lifutshane ixesha lokulungiselela wemnkake intlanganiso leyo ingabangako. Undicela ukuba sendibikela abebenezinto abebenga bangaziteta ukuba bazitumele **ngencwadi** e-Kapa, woziqwalasela. Ndiya temba ukuba abahlobo bayakwenjenjalo.

Bendingazi ngapambili ukuba Umhle- kazi u-Maikelaikumnkani yamaMpondo hleliwenye uyawatabata amanz' **amlilo** ase mlungwini. Oku sendikuva kwakuxe- Iwa ukuba ubuye wapila kukufa obeku- mhlile, kusitiwa uvakele esiti akasokuba sasela tywala. Ngamana kwaba njalo. Kodwa lomngxuma ubutwala ufana na- lowa u-Dafeti wakudala **weyela** kuwo wodongwe, ekwabonakala ukuba waba- kuzama ukunyuka ngamacala awo lusu- ke udongwe luqepuke—ek' oko ukubu- yela kwase zantsi. Umculi omkulu uti kwada kwavela tile ngapezulu wampose- la intambo ukuze ade apume. Ikaba eli- ngekangeni etywaleni malazi ukuba aku- yi bani abuye kubo.

***

Xa ndisateta nge nkosi u-Mqikela ndi- kumbula ntwana indihlekisayo ngaye. Abo bake bafunde ngento zelasema Mpo- ndweni bangalikumbula igama lenene ela- lingumfundisi wase Tshatshi kwelo ela- tabata indawo yokuba ngamehlo ka Rulumeni apo ema Mpondweni. Nditeta u-Rev. J. Oxley Oxland. Ke elinene li- hamba futi kangaka Komkulu ngango- kuba laziwa nangubani apo ema Mpondweni. Apo intsini ingena kona kuse- kubeni ete ama Mpondo akuva igama lake lokuba ngu *Mr. Oxland* aselesiti wona ngu *Msila-osilanda !* Intonike ungafika no Mqikela eteta ngo Msil'-osilanda. Kaucinge mfundi ngomsila nawo ubukali njengesilanda, kendibone ukuba **akusokuhlekana**.

Utuli lusemboxo Iwento **zakowetu** zase *Sigidimini Samaxosa* **ukulalisa** emva **kwe- siqu** sam, nasemva **kwelipepa** le *Mvo.* Ngazwinye. *Imvo* **kwi** *Sigidimi* zifana ne- qiya ebomvu xa **ipakanyiswe** pambi **kwe nkunzi yenkomo**. Manditi **kodwa kuba- nati** be *Sigidimi* ndinento enintshi yomse- benzi andinaxesha **lokuba** ndibe ndisenza imfazwe nabo. Enye into ubom bufutshane **akufuneki ukuba** ndibupelelisele **kwimpambano nakupefumla** izisongelo **ngakubamelwana**. Xa **ke ndingaziniki** mzimba udiniweyo ngenteto zabo **aku- ngakuba** ndenziwa liratshi mhlaumbi ndi- nga **bangake** bazidinise. Hayi. **Akuko** xesha nesituba **sempambano**. **Mkulu** umsebenzi opambi Awe *Mvo* Awane *Sigi- dimi.*

Ezababaleli.

UKUNGAHAMBI KWEMFUNDO.

St. Marks, 30 April 1885.

Mr. P. Tyamzashe, wangenisa into yokungeniswa ngumntu ongatandiyo uku- bona usizi olungasena kuncedwa mntu, xa seluhlile, olu lokuba ati u-Rulumente imali yam ipumela umpangalala ongena- mlungiseleli, kengoko impela kontsundu.

Nditemba ndingatandabuzi ukuba inko- liso vezikolo ingumtwalo onzima pezu ko Dr. Dale, okunye abalundisi netitsha-

ovalele umzi ontsundu, ngamatuba ama- ninzi, sineziqwengananje zemihlaba ye- zikolo nguye, nguye owacelela Undlovu- kazi umhlaba wasikelwa, Emkangiso ikwa nguye, Emgqakwebe ikwa nguye, kwa Kama ikwa nguye; lomihlaba siteta nje ine tayitile zayo (titles) no Rulumente akangeze ayihlute. Ikwa nguye e-Salem njalo. Kengoko sifanele uAuxela oka J esse u-David, mhlana wayelilela u-Saule no- uyana wake, esiti—Maze ningaxeli e-Gate ningashumayeli ezitarateni zase Asheke- lone, hleze intombi zama Filistiya zivu- ye I hleze intombi zabangalukileyo zi- gcobe! Nati mz' ontsundu masitsho uku- lila kwetu, maze ningaxeli kwizipata- mandla, ningashumayeli ezitarateni zase Kapa, hleze amagunya avuye, hleze intshaba zomntu ontsundu **zigcobe**. Ma- sicele kwinkosi yezulu isivusele **omnye** u-Hebeni, umvusi, nommeli wohlanga oluntsundu, owasifundisa ukulima nemi- lo yokuhlala. Manditshonele apo mzi wakowetu.

Ndingowenu futi
JONATHAN TUNYISWA.

Mount Coke, 1 May 1885.

SHAFTESBURY HOME.

NKOSI YAM,—Esi **sikolo** sentombi songanyelwa ngu Miss SturrocA, yena encedi- swa ngu Miss Turner no Miss Dalgarno. Sibe **nomgcobo** obemAulu AaAulu wosapo Iwalapa nge 1 May. U-Miss SturrocA **ine- nekazi** elibubele **bukulu** umeme intombi **zake** ezindala ezifundisa Awezinye indawo nezisebenzayo Awezinye indawo. Ku- te ngalomhla wolwesi-Hlanu, Iwahlanga- nisana usapo lonAe, **kwangenwa** emva Awemini.—Kuqalwe **ngokuba kudliwe** izinto ezimnandi ebezilungiselelwe, abate abo bebeAo bazifinyeza **kakuhle kakulu** njengoAo besilindele njalo nati. Kute **sakukangela kwabakoyo** sapaula uhlobo olube luhle A-anye Iwentombi zalapa ezapumayo esiAolweni ezisemsebenzini ngo- Au. Site saAubala safumana ngati ziyi 35. Sibuye saAangela Aanjalo sabona isiqu sa- bazaliAazi, abate noAo babe ngebaninzi yaba liqaqobana elimnandi. **Sikangele** Awelinye icala, sibone abamenywa ababe- AeAileyo abango Mrs. Gordon, (umfundi- siAazi), no Mrs. Edwards, (wase BanAini), no Miss Irvine, AwaAunye no Miss HocAley—bonAe aba zizihlobo zeziAola. Kupunywe apo uAutshona Awelanga A-wadlalwa pandle lusapo Aancinane, A-u- bonaAala **ukuba** luvuye **kakulu**; luhluti noAuhluta. Kubuywe Awangenwa Aa- msinya, uAuba Auboniswe iinifaneA-iso yase busuAu (Magic Lentern). EAwenze- ni lomsebeni sipaule AaAulu **inkutalo** Aa Miss Dalgarno no Miss Turner, ababebo- nisa imifaneAiso leyo, **kwakunye** no Mr. Birt, owasinceda ngoAusityilela **imifanekiso** leyo. Kute **ekuboniswen kwale** mi- faneAiso zamana **ukucula** intombi zendlu **ka** Miss **Sturrock** zenza intsholo emnandi, ebimana ilungelelana nemifanekiso leyo iboniswayo. Sapaula amazwi amnandi eculo elavunywa ngu Miss **Mtywaku**, eliteta **ngokulila** Awale Africa yetu ililela abantwana base Maxoseni nabase Lutu- Aela abemnAa negqabi liAa Lonji *utywala* —idimoni enAulu. Lite eliculo lashuAu- misa **ingcinga** ezininzi **kuti**. Enye into esiyincome AaAulu ngamazwi esi Ngesi esaweva ebizwa **kakuhle** yenye yentomba- zana ezapumayo **esikolweni**,' esitemba **ukuba** lontombazana yayingu Miss Edith Mlonyeni —uAuba yiyo siti Auyo—' funda **ekaya** unesipo.' **Icitakele** intlanganiso leyo mayela ngo 9 **sekumnyama** Aanye. Emva **koko** Aungene intlanganiso **ekutiwa** " **yeyokugcinana kwabantu** abatsha ngo- Autandazelana " (Young Women's Christian Association). Unobala u-Miss Dalgarno, nomongameli u-Miss Sturroc ba- ngenise amagama aliqela entombazana. Ute u-Rev. W. B. Rubusana waposa amazwi **okomeleza** umhlambi lowo. Yapela intlanganiso emnandi **kakulu** nengaso- Auze **ilibaleke kwababeko**, ngo 10 ebusu- Au. **Siyambulela** u-Miss SturrocA ngese- nzo saAe. Aunye nayo yonke indlu yaAe —siti **kuye** "pambili ntombi vese **Sikoti- lani** emfundisweni, **naselutandweni** lobu- zalwana."

Ndim
UMBONELI.

ABALIMI NA BARWEBI.

E-MARKENI.

Ixabiso loboya lisehlile. Abatengi barn- qnlwe kanye buboya obukuliswa ngamavretu — ngokungcola nobufutshane. Abafayi bayazenzakalisa ngokuyekelela ukuba uboya bonakale. Ixabiso lihamba kwi 4d enobu- vuvu.

E-QONCE (May 9).

Inkuni, 6/ to 25/ ngeflara Ihabile, 3/6 to 5/6 ngekulu Itapile. 9/ to 12/3 ngekulu Umbona, 12/3 to 13/ ngekulu Atnazimba, 12/3 to 13/ ngekulu Irasi, 8/4 to 8/9 nerekulu Umgubo, 12/6 to 15/3 ngekulu Amatanga, 3/9 to 6/9 ngedazine Ibotolo, 2/9 to 3/7 ngeponti **Amaqanda**, 1/9 ngedazini

E-MONTI (May 8).

Amaqanda, 1/9 to 2/ ngedazini Ibotolo, 2/ to 2/10 ngeponti Itapile. 10/ to 15/ ngenxowa Umbona, 9/6 to 11/3 ngekulu Ihabile, 3/ to 4/1 ngekulu Inkuni, 5/ to 17/6 ngeflara Irasi, 6/6 to 7/6 ngekulu Amatanga, 4/3 to 6/ ngedazine

E-BOFOLO (May 8).

Inkuni, 6/9 to 12/3 ngeflara Amaqanda, 2/3 to 3/1 ngedazini Ibotolo, 2/ to 2/5 ngeponti Umbona, 12/4 ngekulu Ihabile, 3/ to 6/ ngekulu Itaptie, 3/3 to 3/9 ngenxowa

E-RINI (May 8).

Ibotolo, 2/9 to 3/ ngeponti Irasi, 11/3 to 14/3 ngenxowa Ibran, 4/ to 5/5 ngenxowa Amaqanda, 2/3 to 3/1 ngedazini Ihabile, 4/6 ngekulu Ikalika, 1/4 to 1/6 ngenxowa Umgubo, 22/3 to 25/ ngenxowa Umbona, 23/ to 24/ ngenxowa Ihabile, 19/ ngenxowa Itapile, 6/6 to 12/6 ngenxowa Amatanga, 3/6 to 5/6 ngedaz ni Inkuni, 14/ to 25/ ngeflara

I-Bala Le Cricket.

PORT ELIZABETH.

FEAR NOT C.C. VS. ETHIOPIAN C.C.

Kwi *Mvo ze* 1st December 1884, nabali- selwa ngu " Mtandi we Cricket," ngoko- yiswa kwe Fear Not yi Ethiopian. Sati noko seva into embi ukuba soyisiwe, se- va ubuhlungu ngakumbi sakubona uku- qayisa kwama Tiyopiya, lati Iona izwi lokuba aye gushelwe imbokotwe ngama Fear Not lafuna ukubanga umoya ombi. Hayi sayitiba impi entsha, sati inayinga- ngxami asiyiyo ngqalo ukuti **inkunzana** esuselayo ike idale iziganeko. Sayekake. Ngeloxeshake kwakuxa kuvulwa le season. Site sakuyimema i-Tiyopiya kamva ayake itsho ukuba mayidlale nento eya- zikupa ngenanikazi eliyi 30 runs, yati kanye ukuze idlale nati **makudlalelwe** into nokuba yibola. Site hayi apo kuba imidlalo enjalo inobubi pakati. Kute kupi kwafuneka ukuba kudlalwe nama Ngesi, yabe i Fear Not imaxesha mabini imana idlala namanene Amangesi e Cra- dock Place, iwoyisa. Siwavenile ke tina Amangesi Fear Not, sawuhlaba umkosi kwi Tiyopiya, yavuma yangenisa isixe- nxe, saxola kungenisa isine ngokunqena ukuyitunuka. Niyazike ukuba yoyiswa imidaka ngokumdaka nge 21 March. Ibola ekwafuneka ukuba itengwe ngokuti abadlali barole Is. emnye kwavunye- Iwana ukuba kuze kudlalelwe yona kamva. Kudlaliwe nge 11 April 1885. Kungene i Fear Not kuqala, yenza 78. Kwa- ngena i Tiyopiya, yenza 47, apela amangeno okuqala kunye nokutshona kwe gala, wati umntu—*next Saturday!* Ufiki- le u Mgqibelo 18th April yangena kanja- lo i Fear Not yema ne 30. Ingene i Ethiopian yenza 30, kusasele one wicket to fall. Ute umntu kuhlwile! Lo wicket inye yowa ngozo. "Yinile! lomfo wase Tiyopiya wenzani?" Batsho ababoneli macala onke. Hayi, sayeka. Ufikile u Mgqibelo wesitatu (25 April). Zawa intonga nqina ngebola yesitatu kungenziwa- nga nanye. Alicimekanga ihlazo ebelifu- na ukucinywa yi Capt. ye Ethiopian nge inning ipela kuba kuzozombini i innings abafikanga kwi 78 ye Fear Not, bapele kwi 77. Zingalipina icala imbokotwe namhla? Naso i score:—

FEAR NOT C. C.

FIRST INNINGS.

R. Siyolo, b Bopi..... 0
J. April, b Pezisa..... fi
T. Klaas, b Bopi 5
S. Boyce, b 2
F Makwena, b Ross ..... (i
A. Ngcozajc Morley b Bopi ... 4 W. Swartbooi, b Bopi 18
J. Notyoda. b Ross 17
M. Foley, Capt. not out..... 3
J. Radasi. b Bopi.....1
P. Rwexu, b Ross..... 2
Extras 19

Total 78

SECOND INNINGS.

R. Siyolo, c Xiniwe b Pezisa ... 2 J. April, b Ross 3
T. Klaas, run out..... 5
A. Ngcoza. run out.....3
M. Foley Capt.. b Pezisa..... 4
B. Swartbooi, run out 0
F. Makwena, b Pezisa 0
J. Radas', b Ross.....0
P. Rwexu, b „ 2
J. William, not out 0
J. Mpindwa, b Ross 0
Extras .....H

Total 13
78

Grand Total 193

ETHIOPIAN C. C.

FIRST INNINGS.

A. Ma hope, b Foley 11
F. Nyoka, b Swartbooi ... 0
H. Pezisa. b Foley..... 0
J. Mdana. b Foley..... ... 8
I). Nqhina, h Swartbooi..... 1
A. Ross, b Foley 0
R. Christian, c Radasi b Swartbooi 1 P. Xiniwe, <'apt., b Foley ... 7 J. Morley, b Foies 0
C. Bopi, not out 8
W. Mazantsi, run out 1
Extras 10

Total 47

SECOND INNINGS.

C. Bopi, run out 4
J. Mdana, b Foley.....3
F. Nyoka, b Swartbooi 7
W. Mazants', c Siyolo b Folej' ... 0 A. Mabope, b Foley 1
R. Christian, b.....3
A. Ross, b 0
H. Pezisa, c Swartbooi b Foley... 2 P. Xiniwe, Capt., not out..... 5
J. Morley, lbw 0
D. Nqhina, b Foley 1
Extras 4

Total 30
47

Grand Total 77

LOVEDALE IN 1884.

IT will, we think, surprise no one in these distracted times that the report of this great Institution for last year should begin with the words that "in some departments " there is a marked advance, in "others as marked a falling off." The advance, it is reported, appears in the Educational department, and, as was to be expected, the falling off is in the Industrial department where the present business depression has made its baneful influence felt. It must be gratifying, however, to the authorities of the Institution, and cannot but be satisfactory to the friends and w'ell-wishers of mission work among our people, that whatever causes of disappointment there may be in the results educationally and industrially, these are more than counterbalanced by spiritual results which are the crowning end of all missionary efforts. Of these results the report states " the "year has undoubtedly been more " than unusually productive." Those who, like ourselves, have been trained to count all material results as of less value than manifestations of moral and spiritual activities, will surely regard the past year as having been a successful one for Lovedale. And Dr. STEWART and his co-workers may, therefore, take courage and proceed. This being our view, then, we may with freedom discharge our public duty with respect to the general statements of the report, and we trust our remarks will not be misconstrued into the assaults of the **enemy**.

With the statements of the main features of the year's work as the basis, the report at once plunges into " the question of Native education, ' and under this heading contributions during the year on this subject by natives are noticed. Dr. STEWART brings to the consideration of the question a broad practical view, to which no reasonable native, we venture to say, will take exception. " There is a view or feeling," the Doctor observes, " growing among a "portion of the educated Natives " themselves, and who say: ' The " ' education at present given is not "'high enough or wide enough.' They " ask," we are told, " whether " their teachers or missionaries for " example did not enjoy a college or " university training at home, and " whether that has not been a **great**

